Inguqulelo yesiXhosa

MUNTAKHAB AHADITH

62 Ahadith malunga nokunyaniseka

Uguqulelo luququzelelwe ngu Moulana Muhsin Mbotoli

AL HIDAYAH CENTRE
EASTERN CAPE

Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Muntakhab Ahadith Incwadi malunga nokunyaniseka).

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2024

ISBN:
978-0-7961-9195-3 (Ebook)

KHUPHELA KWI EBOOK:
https://alhidayah.co.za/incwadi-malunga-nokunyaniseka/

Ipapashwe yi:
Al Hidayah Centre, Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent
Salsoneville, Port Elizabeth
Telephone: 041 492 2773
Whatsapp: 041 492 2773 | https://wa.me/27414922773
Email: info@alhidayah.co.za
www.alhidayah.co.za

“Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo khona'ukuze enze umyalezo ucace kubo. Ke kaloku u Allah Uvumela alahleke lowo Athande ukuba alahleke, Akhokele lowo Athande ukumkhokela. Yena nguSomandla, uSobulumko.”
(Quran 14:4)

Iziqulatho

Imbulambethe by 1 1
Imbulambethe by 2 3
Imbulambethe by 3 5
Uphawula komGuquli 6
Ikhlaas 7

Imbulambethe by 1

Iindumiso zonke zezika Allah, iNkosi yamahlabathi onke. Iinceba ezikhethekileyo kunye noxolo inga zingakulowo wathunyelwa njengenceba ehlabathini.

Ngelixesha abanye abantu beshiya ngasemva ilifa elizizinto ezibambekayo elithi lifunyanwe ziindla lifa lakhe, bona abaProfethi baka Allah bona ilifa abalishiyayo yalilulwazi lwenkolo. Kengoko iinfundimani (scholars) ze Islam ziziindla lifa zabaProfethi; zona zifumane ilifa lika Rasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Yena washiya ngasemva incwadi ka -Allah (Quran) kunye neSunnah Yona ithe yagcinwa ikhuselekile ngokuthi ingulowo nalowo ethe wayigqithisela omnye okubizwa ngokua yiHadith. ISunnah iquka zonke izinto ezathi zenziwa okanye zathethwa nguRasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam zathi zaqwalwaselwa kwaye zagcinwa khuselekileyo ngamaqabane akhe ahloniphekileyo (RadhiaAllahu Anhum). Ezinye zezo zinto zagcinwa ngexesha lakhe esaphila ezinye emva kokusweleka kwakhe. Ngokuye Ixesha lihamba iincwadi eziqulathe i-Ahadith zathi zapapashwa. Kwasetyenzwa nzima ukuqinisekisa ukuba kuqokelelwe, kufundisisiswe kuvavanywe zonke ezizinto zexabiso ezililifa lika Rasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Kungenxa yalo misebenzi inzima eyabangela ukuba namhlanje sibe sisenalo lucwengile olu lwazi lwenkolo. I-Ulama zeHadith emva kwexesha zaya zazenza amanqanaba khona ukuze kuzo balula xa ufuna ukwenza isalathiso.

Namhlanje zininzi iingqokelela ezibhaliweyo, kodwa uninzi lubhalwe ngesi Arabu, nto leyo efuna ukuba umntu ayacacisisise into eyithethayo. Alhamdulillah kwiminyaka embalwa egqithileyo ii-Ulama ezingaphumi kumazwe ama Arabu athi aqalisa ukuguqulela ezi Ahadith kwiilwimi ezahlukeneyo kwihlabathi liphela, khona ukuze Eli lifa lihlale lifumaneka.

Al-Muntakhab yenye yezo ncwadi egxininisa kakhulu kwezi khwalithi ziyi 6 ezazifumaneka ngamandla kumaqabane kaRasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Kuyinto entle ukuba umntu ayifunde ekhayeni lakhe.Kuba iqulathe I Ahadith ezikhuthaza ukwenziwa kwemisebenzi emihle kwaye icacisa nangomvuzo owufumanayo Ngokwenza oko, enye incwadi ekukhuthazwa ukuba ifundwe yiRiyaadhus Saliheen ka Imaam Nawawi rahimahullah. Ngokwenza njalo uyakufumana ulwazi oluphangaleleyo lokuba ulwazi luxanduva onalo njenge Muslim, kwaye nokumkhuthaza ukuba azenze izinto

ngokwe Sunnah. Umntu kufuneka ayibulele imisebenzi enje kuquka nezo ziguqulelwe kwezinye iilwimi. Nasekubeni ikhangelela ilula xa sele igqityiwe ukuguqulwa kodwa kungumsebenzi onzima ofuna ukuba umise ingqondo xa uwenza. Oku akungomsenzi mncinane kuba kaloku lowo uguqulayo uye abe ngumhambisi womyalezo ka Nabi Muhammad Sallallahu alaihi wa sallam.

Kubalulekile ukuba sibulele i-Al Hidayah Centre neqela layo ngokuthi izame ukuguqula ezimfundiso zexabiso zenkolo ye Islam, khona ukuze zizokufikelela kwiintlanga ezahlukeneyo zase Mzantsi Afrika ezikunxanelweyo ukwazi ngenkolo ye Islam. Le nguqulelo siyathemba ukuba iyakuba luncedo apha ehlabathini kwaye iyakuhlala ingumthombo ompompozayo kwixa elizayo kwabo bathathe lo msebenzi mkhulu kangaka, wokugula amazwi woMprofethi wethu esimthandayo Sallallahu alaihi wa sallam.

Le nguqulelo nolupapasho ngaphandle kwamathandabuzo iyakuba yinzuzo enkulu kwabo bathetha ulwimi lwesixhosa. Inga u-Allah angabavuza bonke abo bathe benza oku kube yimpumelelo kwaye kube yinkuthazo nakwabanye abantu ehlabathini.

Moulana Junaid Adam

Ameer | Council of Ulama Eastern Cape, Port Elizabeth, Suid-Afrika

Imbulambethe by 2

I Islam yafika eAfrika phambi kokuba ifike eMadinah.

Iqela lamaMuslim okuqala lathunyelwa e Abyssinia ngumProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wathi makayocela igwiba lokhuselo kwikumkani enobulungisa yase Afrika. Leyo yinyani engangxengwanga yezembali.

Kwiinkulungwane eziliqela emva koko i-Islam yanwenwa ngokukhawuleza kwizwekazi lase Afrika, kwimilibo eyahlukeneyo emithathu: ngaseNtshona uyokufikelela eMantla eAfrika, ukusukela apho yehla yazo kufikelela eSahara kanti nokuhla uyokutsho kunxweme lwaseMpuma lweZwekazi kuyokuqhagamishela apho namhlanje kukho iMozambique.

Oko kunwenwa kwenzeka ngaxesha linye nokufika kuka Da Gama eCape of Good Hope, njalo yaba sisiqalo sokufika kobuKoloniyali base Yurophu.

Ngokufika kwabo kwanqumama ukunwenwa kwe Islam kwezinye iingingqi, ngenxa yezigalo namandla obuKoloniyali.

Kodwa nasekubeni kunjalo isigqibo sikaAllah asokuze sijikwe mntu okanye nto. Ngeendlela ezingalindelekanga u-Allah wenza ukufuduswa ngenkani kwamaMuslim ukusuka eMpuma Ekude yaba yindlela i-Islam efikelela ngayo kwiNcam yeAfrika. Kunye nesiqalo sayo kumthunzi we Ntaba Yetafile yase Kapa, Yakhula ngokukhawuleza okukhulu ekuthambekeni kwinkulungwane ye 18 nasekuqaleni kwenkulungwane ye 19 nto leyo yabangela inkxalabo kwiCawa nakwiNkampani.

Ngenxa yezizathu ezahlukeneyo okokuhluma kwamaMuslim kweza nemilo yangaphakathi. Elo themba likhulu lokuhluma lagutyungelwa lusukuzwano, njalo abe amandla okuya phambili. Endaweni yokuba amaMuslim abheke phambili, amaMishinari aseYurophu alenyusa izinga lawo kancinci ada azokufikelela eMazantsi eAfrika.

Ngoku ixesha lifikile lokuba sicholachola apho kwashiywa khona kuyiwe phambili. Siyathemba ukuba le ncwadi ineengqokelela ze Ahadith zika Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam iguqulelwe esixhoseni, iyakunika

inkxaso ekuvaleni isikhewu esivulekileyo ngenxa yamathuba esiphulukene nawo okuhambisa inkolo ye Islam, nokuvala ezo mbobo zikhokelele ekuphulukaneni kwalo mathuba.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi kwaye awusikelele.

Mufti M Taha Karaan *rahimahullah*

Prinsipaal | Dār al-ʿUlūm al-ʿArabiyyah al-Islāmiyyah, Strand, Suid-Afrika

Imbulambethe by 3

Iindumiso zonke zezi ka-Allah kwaye iinceba neentsikelelo zika Allah mazibe kumProfethi wethu esimthandayo uNabi sallallahu alaihi wa sallam

Kwicala le Jamiatul Ulama (KwaZulu Natal), kuli wonga elikhulu nochulumanco ukuba ndikwazi ukwenza la mabala engwe malunga nokupapashwa kwee Ahadith eziyi 112 malunga nokulunga komthandazo kwiihadith zikaNabi sallallahu alaihi wa sallam eziqulathwe kwincwadi ebizwa ngokuba yiMuntakhab Ahadith ngolwimi lwesiXhosa.

Inene kukho imfuneko emandla yokuba kubekho iincwadi ezithembakeleyo zolwimi lwesiXhosa kuquka nezinye iilwimi zase Afrika, ingakumbi kuMzantsi Afrika onencubeko ezahlukeneyo.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi mhle kumguquli, uMoulana Muhsin Mbotoli kunye nompapashi, uMoulana Muhammad Badsha ne Al Hidayah Centre in Port Elizabeth, South Africa.

Kulu chulumanco olugqithisileyo nanga kumbi kuba zombini ezi Ulama Zihloniphekileyo ziyi mveliso ephuma kwiziko le mfundo ephakamileyo yethu iMadrasa Taleemuddeen in KwaZulu Natal, South Africa.

Inga le ncwadi isikekekileyo ingangu nobangela wokuba le nkolo yethu intle ingayo kufikelela kwiimbombo zone zabo bathetha ulwimi lwesiXhosa.

Inga u-Allah angayenza le ncwadi ibe ngumthombo weentsikelelo kunye nokuba isenze sisondele nangakumbi kuNabi sallallahu alaihi wa sallam, Aameen.

Moulana Ahmed E Mahomedy

Ameer | Jamiatul Ulama KZN, Durban, South Africa

Uphawula komGuquli

Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi, Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo, khona'ukuze enze umyalezo ucace Kubo.

Kule vesi ingentla siyabona Indlela u-Allah Ta'ala afuna ngayo ukuba wonke umntu abe sendleleni ethe tye, ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyacaciselwa ngolwimi lwakhe ngokucacileyo. Nam ngenceba ka Allah nangenxaso ye Al Hidayah Centre ingakumbi iNkokheli yayo uMoulana Muhammad Badsha osoloko ebila esoma ukuqinisekisa ukuba ngalo lonke ixesha yonke into esiyifunayo siyayifumana khona ukuze abo bafuna ukufunda nge Islam ngolwimi lwesiXhosa bayakwazi ukufumana ulwazi ngolwimi lwesixhosa. Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga ne Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam, hayi ngokumfanyekiswa. Ndiyathemba ukuba le nguqulelo yezi Ahadith eziyi 62 malunga nokunyaniseka (Ikhlaas) iyakuba luncedo kwabo bafuna ukwazi ukubaluleka kokunyaniseka kwinto yonke, ingakumbi kunqulo. Ngoku abantu bazokutsho bafumane ulwazi oluphangaleleyo ngokunyaniseka kwi Ahadith nqo.

Inga u-Allah angayenza le mizamo yethu yokuguqulela esiXhoseni ezi Ahadith Shareef zibe zinga kukukhanya kweli hlabathi nakwi xa elizayo kuthi nakubo bonke abo bathe bancedisa ukuba kube yimpumelelo ukwenza oku. Aameen

Moulana Muhsin Mbotoli

Lecturer in Hadith | Dawah Department, Al Hidayah Centre, Port Elizabeth, South Africa

Ikhlaas

1. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Inene u-Allah akajongi ebusweni benu nakwizinto eninazo koko ujonga entliziyweni yenu nakwi zenzo zenu.” *(Muslim)*

2. **U-Umar Ibn Khattab** radhiallahu anhu uthi ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Inene umvuzo wezenzo uxhomekeke kwinjongo onayo xa usenza eso senzo; kwaye umntu ngamnye uyakufumana oko ebenenjongo yako. Kengoko lowo uthi afuduke ngenxa ka-Allah noMthunywa wakhe lo mfuduko yeka Allah noMthunywa wakhe. Yena lowo imfuduko yakhe ibukukufumana izinto zehlabathi okanye khona ukuze azokutshata inenekazi elithile, lo mfuduko yakhe iyakuthatyathwa njengokuba yeyalonto ebefudukela yona.” *(Bukhari)*

3. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Inene ngemini yovuko abantu bayakuphathwa ngokweenjongo zabo.” *(Ibn Majah)*

4. **U-Aishah** radhiallahu anha uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Kukho umkhosi othile ozakuthi uhlasele iKa’ba; uthi xa ufika kumhlaba oyinkqantosi, umhlaba uyakuginya ukusukela kumntu wokuqala uyokutsho kumntu wokugqibela.” Yena (u-Aishah radhiallahu anha) uthi wabuza wathi, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Kuzakwenzeka njani ukuba umhlaba uginye abantu bokuqala kunye nabantu bokugqibela, ekubeni kubo kukho nabo bangosomashishini ababengeyiyo inxalelenye yabo.” Yena (uRasoolullah sallallahu alaihi wa sallam) wathi, “Abantu bokuqala uyokutsho kubantu bokugqibela bazakuginywa ngumhlaba: kodwa ngemini yovuko bazakugwetywa ngokweenjongo zabo.” *(Bukhari)*

5. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Nishiye ngasemva eMadina abanye abantu, kodwa bazakufumana isabelo esilinganayo nesenu kwindawo yonke enihamba kuyo, ngokunjalo nakwincitho yonke eniyenzayo kunye nemilambo eniyinqumlayo.” AmaSahaba radhiallahu anhum abuza, “Hini na Rasoolullah sallallahu alaihi wa sallam! Bakwazi njani na ukuba babenathi kodwa bona baseMadina?” Yena wathi, “Bebenenjongo yokuhamba nani kodwa ngenxa yezizathu ezibambekayo akhange bakwazi ukuhamba nani.” *(Abu Dawood)*

6. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba enye yeentetho zika Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam, awayezicaphula kwiNkosi yakhe, “U-Allah wenze izinto ezilungileyo kunye nezo zingalunganga. Emva koko uye wazicacisa ngokupheleleyo. Ukuba ingulowo unenjongo (eqinisekileyo) yokuba uzakwenza isenzo esilungileyo kodwa angakwazi ukusenza. U-Allah ubhala egameni lakhe njenge senzo asenzileyo saphelela; kanti ukuba unenjongo yokwenza into elungileyo kwaye ayenze (lonto ilungileyo), u-Allah ubhala ukuba uyenze ngokuphindaphindene kali shumi uyokutsho kumakhulu asixhenxe nangaphezulu. Ukuba umntu unenjongo yokwenza okungalunganga kodwa angade ayenze (ngenxa yokoyika u-Allah), u-Allah ubhala kumqulu wakhe ukuba wenze isenzo esinye esilungileyo esipheleleyo; kanti ukuba ebenenjongo (yokwenza okungalunganga) kwaye akwenze oko (kungalunganga), u-Allah ubhala emqulwini wakhe ukuba wenze isenzo esingalunganga esinye.” *(Bukhari)*

7. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Indoda ethile yathi inene ndizakunikezela iSadaqa (emfihlakalweni)! Yaye yaphuma neSadaqah yayo yayinika isela. Kusasa abantu (bahamba bethetha besithi) kunikwe iSadaqah kwisela.” Lo ndoda yathi:

"Hini na Allah! Iindumiso zonke zezakho, Inene ndizakunikezela iSadaqah. Yaphuma neSadaqah yayibeka esandleni somntu okrexezayo. Kusasa abantu bahamba bethetha besithi phezolo kunikwe umkrexezi iSadaqah." Lo ndoda yathi, "Hini na Allah! Iindumiso zonke zezakho ngokuthi unike iSadaqa kumkrexezi. Inene ndizakunika iSadaqah. Lo ndoda yaya yaphuma iphethe iSadaqah yayibeka esandleni sesityebi." Kusasa abantu bahamba bethetha besithi, "Kunikwe isityebi iSadaqah." Lo ndoda yathi, "Hini na Allah! Iindumiso zonke zezakho ngokuthi unike isela, umkrexezi kunye nesityebi iSadaqah. Lo ndoda yabona iphupha apho yaxelelwa ukuba kusenokwenzeka ukuba lo Sadaqah yanikwa isela ingaliyekisa ubusela, kanti lowo ukrexezayo kungenzeka lo Sadaqah imyekise ukukrexeza, kanti lowo usisityebi kungenzeka afunde isifundo sokuba abuchithe obo butyebi sibunikwe ngu-Allah." *(Bukhari)*

8. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Abantu abathathu (be-Ummah engaphambili kuni) bathabatha uhambo, bacela igwiba kumqolomba khona ukuze bazokuchitha ubusuku apho. Ilitye laqengqeleka entabeni lavala umnyango womqolomba." Bathi, "Inene ayikho indlela yokuba singaphuma apha ngaphandle kokuba sicele ku-Allah ngenxa yezenzo zabo ezilungileyo." Omnye wabo wathi, "Hini na Allah! Ndandinabazali esele bekhulile, azange ndifune ukunika ubisi kubantwana bam nakwezinye izizalwane kuquka nezicaka, phambi kokuba ndinike bona. Ngamini ithile ndaya endaweni ekude azange ndikwazi ukubuya besahleli. Marhatya ndasengela bona ubisi ndafika sele belele. Azange ndithande ukunika abantwana bam nezizalwane kunye nezicaka phambi kokuba kusele bona (abazali bam) Ndema ecaleni kwabo neso sitya sobisi ndilindele ukuba bade bavuke kwada kwakusasa. Kusasa bavuka basela isabelo sabo saphezolo sobisi. Hini na Allah! Ukuba inene ndakwenzela wena khona ukuze uvuye, Sikhulule kobubunzima sifakwe kubo lelilitye. Ilitye lashenxa kancinane kodwa hayi

ngokoneleyo ukuba bangaphuma." UNabi sallallahu alayhi wasallam wathi indoda yesibini yathi, "Hini na Allah! Ndandi nesizalwanakazi sam endandisithanda ukogqitha wonke umntu. Ndandinqwenela ukwabelana nase ngesondo, kodwa wala. Ethubeni kwafika unyaka wendlala, (ndlala leyo) yamnyanzela ukuba azokucela uncedo kum. Ndamnika ikhulu elinamashumi amabini eeDinaarphantsi komqathango wokuba uzakuzinikezela kum." Wakuvuma oko, ndathi xa ndizakwabelana naye ngesondo wathi, "Akuvumelekanga ukuba usophule isiciko (ukumsusa ubuntombi ngaphandle komtshato). Ndazibamba ekubeni ndabelane naye ngesondo, ndahamba nasekubeni ndandimthanda kakhulu, ndazishiya kuye ezo Dinaars. Hini na Allah! Ukuba ndakwenza oko ngenxa yokukholisa wena, kengoko sikhulule kobubunzima. Kodwa kwakhona elo litye lashenxa kancinci imbobo yankulwana kodwa nalapho babengakwazi ukuphuma kuyo." UNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, nendoda yesithathu yacela, "Hini na Allah! Ndaqesha abasebenzi, ndababhatala umrhumo wabo ngaphandle komsebenzi omnye, yena wahanba ngaphandle kokuthabatha umrhumo wakhe. Lo mrhumo wakhe ndaya ndawutyala kwishishini kwaye neshishini laya lakhula kanobom." Emva kwethuba wabuyela kum wathi, "Hini na sicaka sika-Allah! Ndinike umrhumo wam. Ndaphendula: Konke okubonayo kokwakho: Iinkamela, iinkomo, iigusha kunye nezicaka." Yena wathi, "Hini na sicaka sika-Allah! Musa ukudlala ngam. Mna ndathi kuye andiqhuli nawe. Lo ndoda yathatha konke ayashiya nanye into. Hini na Allah! Ukuba ndakwenza oko ngenxa yokukholisa wena, sikhulule kobubunzima. Ilitye lashenxela ecaleni njalo babe bayaphuma. *(Bukhari)*

9. **U-Abu Kabshah Al Amari** radhiallahu anhu uchaza ukuba ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Ndifunga ngo-Allah kwizinto ezintathu, emva koko ndizakunixelela into ekhethekileyo. Kengoko yibammbeni kakuhle!" Wathi, "Ubutyebi bomntu abucuthakali ngokunikezela iSadaqah. Ukuba

umntu unyamezela ingcinezelo, u-Allah uyakuphakamisa ukuhlonipheka kwakhe. Ukuba umntu uvula ucango lokungqiba, u-Allah umvulela ucango lobuhlwempu okanye (amazwi asondele apho).” Emva koko wathi, “Ndizakunixelela into kufuneka niyikhumbule kakuhle. Wathi! Zine iindidi zabantu ehlabathini. 1. Sisicaka sika Allah asinike ubutyebi nolwazi; Siyamoyika u-Allah malunga nobobutyebi ngenxa yolwazi esinalo sisebenzisa obo butyebi ekomelezeni ubudlelwane kwaye siyayazi ukuba kobo butyebi kukho ilungelo lika-Allah, sizakufumana elona nqanaba liphezulu. 2. Isicaka sika-Allah asinike ulwazi kodwa akasinika ubutyebi, kodwa sinyanisekile kwinjongo yaso. Sithi, “Ukuba bendibunikiwe ubutyebi bendizakubuchitha elahlobo omnye umntu abuchithe ngayo, ngenxa yenjongo yakhe bobabini bazakufumana umvuzo olinganayo. 3. Isicaka sika-Allah u-Allah asinike ubutyebi kodwa akasinika ulwazi, sichitha ubutyebi baso ngaphandle kokuqiqa kwaye asiyoyiki iNkosi yaso xa siyisebenzisa; akabusebenzisi ekungcibeni amaqhina okuzalana kwaye akanalwazi lokuba kubo kukho ilungelo lika-Allah. Lowo iyakuba ngoyena mntu uyakuba kwindawo eyona yaka yambi. 4. Isicaka sika-Allah angasinikanga butyebi nalwazi, kodwa sithi, “Ukuba bendibunikwe ubutyebi, bendizabuchitha ngokufanayo naye la mntu (wesithathu); ngenxa yenjongo yakhe imithwalo (izono) zizakulingana.” *(Tirmidhi)*

10. Indoda ethile yaseMadina ichaza ukuba uMuawiya radhiallahu anhu wabhalela ileta u-Aishah radhiallahu anha esithi; Ndibhalele incwadi undicebise kodwa ungayenzi ibende. U-Aisha radhiallahu anha wabhalela uMuawiya radhiallahu anhu. Emva kweSalaam wabhala wathi, “Inene ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, Lowo ufuna intando ka-Allah kodwa kube oko kuzakwenza umsindo ebantwini; u-Allah uzakuba naye kulo msindo wabantu, kanti lowo ukholisa abantu ngokuthi enze u-Allah umsindo; u-Allah uyakumyekela ebantwini. Wassalamu alayka.” *(Tirmidhi)*

11. **U-Abu Umamah Al-Bahili** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Inene u-Allah akasomkeli isenzo esihle ngaphandle kokuba senziwe ngokunyanisekileyo kwaye injongo ikukufumana intando yakhe.” *(Nasai)*

12. **U-Sa’d** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “U-Allah unceda i-Ummah yakhe ngenxa yabo babuthathaka, ngokwenza kwabo isikhungo (Dua), umthandazo (salaat) kunye nokunyaniseka kwabo.” *(Nasai)*

13. **U-Abu Darda** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo uthi alale kumandlalo wakhe enenjongo yokuba uzakuvuka ebusuku athandaze kodwa oyiswe bubuthongo kude kube kusasa; ufumana umvuzo woko ebenjongo yako kanti kona ukuselwa kwakhe kusisipho esivela kwiNkosi yakhe.” *(Nasai)*

14. **U-Zaid Ibn Thabit** radhiallahu anhu uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Lowo injongo yakhe ilihlabathi, u-Allah uzenza zonke izinto zakhe zithi saa kwaye abeke phambi kwamehlo wakhe uloyiko lwendlala; kanti uyakufumana akuqingqelweyo kuphela. Kanti lowo injongo yakhe yi-Akhirah, u-Allah wenza zonke izinto zakhe lula, wenza abesisityebi ngokwasentliziyweni kanti ihlabathi liza kuye lizithobile.” *(Ibn Majah)*

15. **U-Zaid ibn Thabit** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Zintathu izinto ezigcina intliziyo yeMuslim ingenayo intiyo, 1. Isenzo esenzelwa intando ka-Allah kuphela, 2. Unqwenelela okuhle kwiinkokheli, 3. Ubambelela kwibandla lamaMuslim, kuba izikhungo zabo zijikeleza abo banabo.” *(Ibn Majah)*

16. **U-Thowban** radhiallahu anhu uthi, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Ziindaba ezimnandi kwabo banyanisekileyo. Basisikhanyisi ebumnyameni kuba ngenxa yabo kuyagxothwa okungalunganga.” *(Baihaqi)*

17. **U-Abu Firas** rahimahullah wohlanga lwama Aslam uchaza ukuba umntu wabuza uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngelizwi eliphezulu! Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Yintoni i-Imaan? Yena waphendula wathi kukunyaniseka.” *(Baihaqi)*

18. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Umnikelo onikelwa emfihlakalweni uthothisa umsindo weNkosi (Allah).” *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

19. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu uthi kwabuzwa kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam malunga nomntu owenza isenzo esihle ze abantu bamncome ngoko? Yena waphendula, “Oko ziindaba ezimnandi ezikhawulezileyo zekholwa.” *(Muslim)*

20. **U-Aishah** radhiallahu anha unkosikazi ka Nabi sallallahu alayhi wasallam uchaza ukuba, Ndabuza uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ukuba ithetha ukuthini levesi, *wallaziena yu’toona maa aatow waquloobuhum wajilatun* - Nabo banikezela oko bakunikezeleyo ngeentliziyo ezinoloyiko. *(Muminoon, 60)* U-Aishah radhiallahu anha wabuza, “Ingaba aba bantu ngabantu abasela utywala okanye amasela?” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphendula, “Hayi, Hini na ntombi kaSiddiq! Koko ngabo bazilayo, abamisa umthandazo, abanikezela iSadaqahkodwa banoloyiko lokuba izenzo zabo ezilungileyo kunokwenzeka u-Allah angazomkeli. Abo ngabo bangxamayo kwizinto ezilungileyo kwaye bayagqwesa kuzo.” *(Tirmidhi)*

21. **U-Sa'd** radhiallahu anhu uchaza ukuba weva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Inene u-Allah uthanda isicaka esingcwele esizimeleyo kwaye sonelisekile koko sinako esizifihlayo." *(Muslim)*

22. **U-Abu Saeed Al–Khudri** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ukuba umntu ebenokwenza into ngaphakathi elityeni elingenacango nafestile, eso senzo sakhe (Siyakuthi) saziwe ngabantu, isisenzo esihle okanye esibi." *(Baihaqi)*

23. **U-Ma'n Ibn Yazeed** radhiallahu anhuma uchaza ukuba utatawakhe, Yazid radhiallahu anhu wabekela bucala iiDinaar ezimbalwa khona ukuze zizokunikezelwa kumnikelo, wazinika umntu othile (emasjid khona ukuze azinike umntu osweleyo emasjid). Ndaya (emasjid) kuba mna kuqala ndingumntu osweleyo ndazithabatha ezo Dinaar ndabuyela ekhaya. Utata wam wathi, "Ndiyafunga ngo-Allah! Injongo ibingeyeyokuba zinikwe wena. Ndahamba notata wam ukuya kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam uyokubika le nto kuye." URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi kutata wam, "Hini na Yazid! Wena uzakufumana umvuzo njengokuba ubenenjongo yako." Wathi kum, "Konke okuthathileyo kokwakho hini Ma'n." *(Bukhari)*

24. **U-Taus** rahimahullah uchaza ukuba ndoda ethile yathi, "Hini na Rasoolullah! Ngamanye amaxesha ndiyaphakama kuba ndinenjongo yokwenza isenzo esihle; ndinqwenela ukuvuyisa u-Allah kodwa ngaxesha linye ndinqwenela ukuba abantu bazibone (ezo zenzo zihle)." URasoolullah sallallahu alayhi wasallam azange aphendule kwade kwabe kutyhilwe ezi vesi, "Lowo unethemba lokudibana neNkosi yakhe, makasebenze imisebenzi elungileyo, angayamanisi nabani ukuba lihlulelane eNkosini yakhe." *(Kahf, 110)*

25. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Izinto ezilungileyo zingamashumi amane, eyona ingcono kuzo kukuba omnye abolekise ngebhokhwe yakhe komnye umntu, khona ukuze azokuzuza kubisi lwayo. Nawuphina owenza ezi zinto zilungileyo ngenxa yokuba enethemba lokuvuzwa nokuba nesiqinisekiso kwisithembiso sika-Allah, u-Allah uyakumthumela eParadesi.” *(Bukhari)*

26. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, “Ukuba umntu uthabatha inxaxheba kumngcwabo weMuslim ngenkolelo yokuqiniseka koko Akuthembisileyo nokuba nethemba kumvuzo Wakhe, kwaye ahlale kude kwenziwe umthandazo kugqitywe konke okunxulumene nomngcwabo, lo mntu uyakufumana iiQiraat ezimbini, iQiraat nganye ilingana nentaba ye-Uhud; kanti ukuba umntu uthabathe inxaxheba emthandazweni kuphela emva koko abuyele ekhayeni (okanye apho ebevela khona) phambi kokuba kungcwatywe uyakubuya (nomvuzo) weQiraat enye.” *(Bukhari)*

27. **U-Abu Darda** radhiallahu anhu uthi, Ndeva u-Abul Qasim (Rasoolullah) sallallahu alayhi wasallam echaza kwiHadith Qudsi ukuba inene u-Allah uthe, “Hini na Isa! Ndizakuthumela i-Ummah emva kwakho, ezakuthi xa ifumana into ebakholisayo, iyakumdumisa u-Allah, kanti xa befumana oko bangakuthandiyo, bayakunyamezela ngethemba kwintando ka-Allah nomvuzo wakhe. Abo bantu abasayi kubanayo iHilm (ithemba nomonde) kunye nolwazi.” U-Isa alayhis salaam wathi, “Hini na Nkosi yam! Bazakwazi njani ukwenza konke oku xa bengenayo iHilm kunye nolwazi?” U-Allah wathi Ndiyakubanika iHlm kulena yam kanti nolwazi ndiyakubanika koLwam ulwazi.” *(Mustadrak Hakim)*

28. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza kwiHadith Qudsi, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi u-Allah Subhaanahu esithi, “Hini na nyana ka-Adam! Hini na nyana ka-

Adam ukuba uphulukana nento okanye uva iindaba ezimbi zisuka nje uyanyamezele kwaye ubethemba kwintando Yam neentsikelelo Zam, Andisayi kuxola kuwe kwinto engezantsi kuneParadesi." *(Ibn Majah)*

29. **U-Abu Masood** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Xa umntu esenza incitho kwizizalwana zakhe, ngenxa yethemba lentando ka-Allah kunye nasekukholelweni kumvuzo osuka ku-Allah, lo ncitho yakhe iyakuba yiSadaqa yakhe." *(Bukhari)*

30. **U-Sa'd Ibn Waqqas** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Xa usenza incitho kwizizalwana zakho ngenxa yokuba ufuna intando ka-Allah uyakuvuzwa ngoko nokuba lisuntswana nje olifaka emlonyeni wenkosikazi yakho." *(Bukhari)*

31. **U-Usaamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba ndandikhona noNabi sallallahu alayhi wasallam, ngethuba kufika umntu othunywe yenye yeentombi zakhe, ngelo xesha wayehleli noSa'ad, u-Ubayy ibni Ka'ab kunye noMuadh radhiallahu anhum, umyalezo yayingowokuba unyana wayo wayesekhukweni lokufa. Ekubeni eve oko wathumela lo myalezo kulo ntombi yakhe, "Oko u-Allah akuthathileyo kokwaKhe kanti akunikezelayo kokwaKhe. Ixesha lento yonke liqingqiwe, kengoko yiba nomomnde ube nethemba kumvuzo ka-Allah." *(Bukhari)*

32. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam waxelela amakhosikazi wama Ansaar, Akukho namnye kuni othi aswelwekelwe ngabantwana abathathu kodwa abenethemba kwintando ka-Allah kunye nomvuzo waKhe ngoko (ngokuswelwekelwa ngabantwana abathathu), uyakungeniswa eParadesi, Omnye wawo wabuza, Ukuba babini abantwana (abaswelekileyo)? Hini na Rasoolullah sallallahu

alayhi wasallam! Waphendula wathi, “Nokuba babini abantwana abaswelekileyo.” *(Muslim)*

33. **U-Abdullah ibn Amr Ibn Aas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Xa u-Allah Ethabatha oko isicaka saKhe esikholwayo sikuthandayo kubantu basemhlabeni, kodwa sinyamezele, sibenethemba kumvuzo senze oko siyalelwe ukuba sikwenze *(Inna lillahi wa-inna ilayhi raajioon)*, U-Allah akasayi kumnika mvuzo ungaphantsi kuneParadesi.” *(Nasai)*

34. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhu uchaza ukuba, “Ndabuza: Hini na Rasoolullah! Ndicacisele malunga neJihad kunye neGhazwah?” Yena waphendula wathi, “Hini na Abdullah Ibni Amr! Ukuba ulwa ngomonde, ufuna intando ka-Allah nomvuzo waKhe, u-Allah uyakuvusa ngemini yovuko njengomnye wabo banomonde nabo bafuna intando yaKhe nomvuzo waKhe. Kanti ukuba ulwa kuba ufuna ukuzibonakalisa okanye ufuna uthimba izinto ezininzi zotshaba, u-Allah Uyakukuvusa ngemini yovuko njengalowo ebelwela ukuzibonakalisa kwaye efuna ukufumana isininzi sezinto ezithinjwe kutshaba. Hini na Abdullah Ibni Amr! Nokuba yeyiphi na imeko othi ubulale okanye ubulawe kuyo, u-Allah uyakukuvusa kuyo ngemini yovuko.” *(Abu Dawood)*

35. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Inene kubi ngokoneleyo ukuba umntu kolathwe kuye ngeminwe ngenxa yenkolo okanye izizathu zasemhlabeni ngaphandle kwalowo u-Allah athe wamkhusela.” *(Tirmidhi)*

36. **U-Umar Ibn al Khattab** radhiallahu anhu uchaza ukuba ngamini ithile waye waya kwiMasjid kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, apho wafumana uMuadh Ibni Jabal ehleli kufutshane nengcwaba likaNabi sallallahu alayhi wasallam elila. Wabuza,

"Yintoni na ekulilisayo?" UMuadh waphendula, "Yinto endayiva kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam." Wathi, "Inene ukuqhayisa okuncinane nako yiShirk, kwaye lowo unobutshaba nomhlobo ka-Allah, ngokuyinene uqale imfazwe no-Allah. Inene u-Allah uthanda lowo wenza okulungileyo, omoyikayo kodwa abaziwa; xa bengekho abaqondakali kanti xa bekhona ababizwa kwaye abaqwalaselwa. Iintliziyo zabo zizibane zokubonisa indlela, ezibakhupha kwinzonzobila yobumnyama." *(Ibn Majah)*

37. **U-Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Oomvolufu ababini abalambileyo abakhululwe phakathi komhlambi weegusha umonakalo ezinokuwenza mncinane kunomanakalo onokwenziwa ngumntu onyolukele ubutyebi nokuhlonitshwa ngenxa yenkolo yakhe." *(Tirmidhi)*

38. **U-Abu Hurairah** radhiallahu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Lowo ufuna izinto zelihlabathi nokuba zivumelekile na, ngenxa yokuba efuna ukuzigwagwisa, ukuqokelela izinto ezininzi kunye nokuqhayisa uyakudibana no-Allah enomsindo ngakuye. Kanti lowo ufuna izinto zelihlabathi ngendlela evumelekileyo kuba engafuni ukungqiba, esebenzela nzima izizalwana zakhe kwaye unobubele koommelwane bakhe, uyakudibana no-Allah ngemini yovuko ubuso bakhe bukhazimla okwenyanga epheleleyo." *(Baihaqi)*

39. **U-Hasan** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Nasiphi na isicaka sika-Allah, esinikezela intetho sizakubuzwa ngu-Allah ukuba ibiyintoni na injongo yaso?" Jafar rahimahullah uthi, "Ngalo lonke ixesha uMalik Ibni Dinaar wayedla ngokuchaza le Hadith, wayedla ngokulila kakhulu ade abe ngathi uphelelwa ngumphefumlo." Emva koko wayedla ngokuthi, "Abantu bacinga ukuba amehlo am ayaphola emva kokuba ndithethe nani." Inene ndiyayazi

ukuba u-Allah uzakundibuza ngemini yovuko, “Ibiyintoni injongo yentetho yakho.” *(Baihaqi)*

40. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo wenza umsindo u-Allah ngenxa yokuba efuna ukuvuyisa abanye abantu, u-Allah uba nomsindo kuye enze abo bantu ebefuna ukubavuyisa babenomsindo kuye. Kanti lowo uvuyisa u-Allah ngokuthi abantu babenomsindo kuye, u-Allah Uyavuya ngulo mntu kwayeWenza abo bantu bebe nomsindo nguye ngenxa yokuba ebefuna ukuvuyisa u-Allah bavuye nguye. Kangangokuba Umenza anikwe inqanaba ngabo bantu bebenomsindo kuye intetho yakhe kunye nezenzo zakhe zihonjiswe emehlweni abo.” *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

41. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Umntu wokuqala ukuba afunyanwe enetyala ngemini yomgwebo ngumfeli–nkolo. Uzakuziswa ngaphambili. U-Allah uzakumkhumbuza ngezibonelelo zaKhe kwaye naye (mfeli-nkolo uyakukungqina oko).” U-Allah Ta’ala uzakubuza, “Yintoni oyenzileyo (njengombulelo wezo zibonelelo) wezo zibonelelo?” Uzakuphendula, “Ndikulwele ndada ndaba ngumfeli-nkolo.” U-Allah uzakuthi, “Uyaxoka, ulwele khona ukuze kuzokuthiwa uligorha, ngokuyinene kutshiwo. Ngoko nangoko kuzakunikwa umyalelo. Uzakurhuqwa ngobuso, ayokuphoswa emlilweni. Umntu olandelayo izakuba ngumntu ofunde kwaye wafundisa ulwazi lwenkolo kwaye ecengceleze iQuran, uzakuziswa ngaphambili. U-Allah Ta’ala uzakumkhuza ngezibonelelo zaKhe kuye kwaye naye uzakuzingqina.” U-Allah Ta’ala uzakumbuza, “Yintoni oyenzileyo (njengombulelo) wezizibonelelo?” Uzakuphendula, “Ndifundile kwaye ndalufundisa ulwazi lwenkolo kwaye ndacengceleza iQuran ngenxa yaKho.” U-Allah Ta’ala, “Uyaxoka, ufundile khona ukuze uzakuthi usisifundiswa kwaye uyicengcelezile iQuran khona ukuze kuzokuthiwa uyi

Qari (umcengcelezi weQuran), ngokuyinene kutshiwo. Kuzakunikezelwa umyalelo ngaye wokuba. Uzakurhuqwa ngobuso, ayokuphoswa emlilweni. Umntu olandelayo izakuba ngulowo u-Allah Ta'ala Amenze wasisityebi kwaye Amnike iintlobo ntlobo zobutyebi, naye uzakuziswa ngaphambili. U-Allah Ta'ala uzakumkhumbuza ngezibonelelo zaKhe kuye, naye uzakukungqina oko." U-Allah Ta'ala uzakubuza, "Yintoni na oyenzileyo (njengombulelo) wezo zibonelelo?" Uzakuphendula, "Akukho nanye indawo Wena othandayo ukuba kuchithwe kuyo ubutyebi ngaphandle kokuba mna ndibuchithele Wena kuyo." U-Allah Ta'ala uzakuthi, "Uyaxoka; Ukwenze oko kuba ufuna kuthiwe uyapha, kengoko kutshiwo. Kuzakunikezelwa umyalelo ngaye. Uzakurhuqwa ngobuso ayokuphoswa emlilweni." *(Muslim)*

42. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ukuba umntu ufuna ulwazi ebekufaneleke ukuba lufunelwa ukufumana uthando luka Allah, kodwa yena alufunele khona ukuze azokufumana izinto zehlabathi, lo mntu akasayi kulinukisa nqu nevumba lase Paradesi ngemini yovuko." *(Abu Dawood)*

43. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ekuzeni kokuphela kwexesha kuzakuvela abantu abazakusebenzisa inkolo khona ukuze bazokufumana ihlabathi, bombathe iimfele zegusha khona ukuze khona bazokubonakala njengabantu abangenanto yokwenza nehlabathi. Intetho iyakuba switi ukogqitha iswekile, kodwa iintliziyo zabo iyakuba ziintliziyo zomvolufu." U-Allah uzakuthi kubo, "Ingaba bazama ukundimfamekisa okanye bayandivukela?" Ndifunga ngesiqu sam Ndiyakubohlwaya (ngesohlwayo), esiyakushiya iingqondi zabo zibhidekile." *(Tirmidhi)*

44. **U-Abu Saeed Ibni Fadhalah al Ansari** radhiallahu anhu omnye wamaSahabi uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Ngethuba u-Allah eyakuqokelela abantu ngemini yovuko, imini ekungekho mathandabuzo ngokuza kwayo, Ummemezi uzakumemeza esithi, Lowo wathi wenza isenzo esenzela u-Allah kodwa ngaxesha linye aquke nomahlulelane kweso senzo, kufuneka afune umvuzo wakhe kulo mahlulelane ngaphandle kuka-Allah. Kuba inene u-Allah akanaye umahlulelane.” *(Tirmidhi)*

45. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallah wathi, “Nawuphi nalowo ufuna ulwazi ngenxa yenye into ngaphandle kuka-Allah okanye injongo yakhe asingo Allah (kukufumana isikhundla, ubutyebi, njalo njalo) kufuneka azilungiselele indawo esihogweni.” *(Tirmidhi)*

46. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Cela ukukhuselwa kumhadi weenzingo.” AmaSahaba abuza, “Yintoni na umhadi weenzingo?” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphendula wathi, “Yintlambo esiHogweni, yona nqu nesHogo sicela ukhuselo kuyo amatyeli alikhulu ngemini.” Kwabuzwa, “Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ngubani ozakungeniswa kule ndawo?” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphendula, “Ngabo bacengceleza iQuran kuba befuna ukubonakalisa izenzo zabo.” *(Tirmidhi)*

47. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Kungekudala abanye abantu bam bazakufuna ulwazi (lwenkolo) kwaye bazakufunda iQuran bathi: Siya kwabo balawulayo kuba sifuna oko banako kwezi zinto zeli hlabathi, kodwa siyazikhwebula kububi babo ngenxa (yolwazi lwethu) lwenkolo.” *(Ibn Majah, Targhib)*

48. **U-Abu Saeed** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphuma endlwini yakhe weza kuthi ngethuba sincokola malunga neDajjal. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Niyafuna ukuba ndinixelele ngento eyoyikisayo ukogqitha iDajjal?” Saphendula, “Ngokuqinisekileyo ewe (sixelele).” URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “*Shirkul Khafee* (ukwenza omahlulelane ngokufihlakeleyo), ngokufana nomntu ophakamayo uyokuthandaza kwaye azame ukuwenza ngcono umthandazo wakhe kuba ebonwa ngomnye umntu.” *(Ibn Majah)*

49. **U-Ubayy Ibn Ka’b** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Nikani iindaba ezimnandi le Ummah ihlonophekileyo, ibalaseleyo, ngoncedo luka-Allah nolawulo emhlabeni. Kubo nawuphi na oyakuthi enze into yexesha elizayo khona ukuze azokufumana inzuzo zelihlabathi akasayi kufumana sabelo kwixa elizayo.” *(Musnad Ibn Ahmad)*

50. **U-Shaddad Ibni Aws** radhiallahu anhu uthi, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Nawuphi lowo uthi athandaze khona ukuze abonwe, inene lowo wenze umahlulelane no-Allahkanti lowo uthi azile ukutya kuba efuna ubonwa, inene lowo wenze umahlulelane no-Allah; kanti uthi anikezele iSadaqa, khona ukuze abonwe naye inene wenze iShirk.” *(Musnad Ahmad)*

51. **U-Shaddad Ibn Aws** radhiallahu anhu uthi ngaminazana ithile waye walila. Waye wabuzwa ngesizathu sokulila kwakhe, yena waphendula wathi, “Kungenxa yento yokukhumbula into endayiva kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.” Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Ndoyikisela iShirk kubantu bam neenkanuko ezifihlakeleyo.” UShaddad uthi ndabuza, “Hini na Rasoolullah! Ingaba abantu bazakwenza iShirk emva kokusweleka kwakho?” Waphendula wathi, “Ewe (Kodwa) abazokunqula ilanga, inyanga, amatye, okanye izithixo; koko bazokwenza izinto ngenjongo yokubonisa abantu

(benganyanisekanga). Ulandela inkanuko yabo iyakubonakala xa umntu ezakuthi aqale imini ezilile, kodwa zifika inkanuko yakhe uyakuyophula lo fast yakhe (kuba efuna ukuxolisa inkanuko yakhe).” *(Musnad Ahmad)*

52. **U-Muadh** radhiallahu anhu uchaza ukuba inene uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ekuzeni kokuphela kwexesha kuzakubakho abantu abazakuba ngabahlobo phambi kwabantu kodwa emfihlakalweni bazakuba ziintshaba.” “Kwabuzwa, Hini na Rasoolullah! Kuzakwenzeka njani oko?” Waphendula, “Oko kuzakwenzeka kuba abanye babo bazakuba bejonge inzuzo ethile omnye komnye, ngenxa yoko bazakugcina ubuhlobo kanti ngenxa yokoyikana kwabo bazabufihla ubutshaba babo.” *(Musnad Ahmad)*

53. **U-Abu Moosa al Ash-ari** radhiallahu anhu uchaza ukuba, Ngamini ithile uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wanikezela intetho kuthi, apho wayesithi, “Hini na bantu! Yiphepheni iShirk. Kuba yona inene ithe cwaka ukogqitha ukurhubuluza kwembovane.” Omnye wethu owathi wafumana inkuthazo ku-Allah wabuza, “Singayiphepha njani, xa ithe cwaka ukogqitha imbovane erhubuluzayo? Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam!” Yena wathi, “Funda oku kulandelayo: *Allahumma inna naoozhu bika min an ush rika shayan na’lamuhu wanastaghfiruka limaa laa na’lamuhu*. Hini na Allah sicela ukukhuselwa Nguwe kwi Shirk esiyaziyo kwaye sicela usixolele kwiShirk esingayaziyo.” *(Musnad Ahmad)*

54. **U-Abu Barzah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ndinoloyiko lokuba nibe yinxalenye yezo nkanuko zilahlekisayo zinxulumene nezisu zenu kunye namalungu wenu wabucala kunye nalo minqweno ilahlekisayo eyakunisa ekulahlekeni.” *(Musnad Ahmad, Bazzar, Majma-uz-Zawaaid)*

55. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhu uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Lowo wenza izenzo khona ukuze kuzokuthethwa ngazo nguwonkewonke, u-Allah Uyakuzenza zaziwe nguwonkewonke kwaye amenze abe mncinane ahlazeke ebantwini.” *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

56. **U-Muadh Ibni Jabal** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Nasiphi na isicaka (sika-Allah) esenza izenzo khona ukuze sizokwaziwa okanye ukuzibonakalisa, u-Allah uyakuzenza zaziwe kodwa uzakumenza ahlazeke phambi kwendalo ka-Allah ngemini yomgwebo.” *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

57. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ngemini yomgwebo iincwadi ezivaliweyo zizakuziswa ngaphambili zibekwe phambi kuka-Allah Tabaraka waTa’ala, u-Allah waTabaraka waTa’ala uzakuthi, “Zilahleni ezabanye kanti nizomkele ezabanye.” Iingelosi zizakuthi, “Ngentlonipheko yakho nangobungangamsha bakho! Thina sibona okulungileyo kodwa kwezi ncwadi.” U-Allah uzakuthi, “Ngukuyinene ezo zenzo bezingenzelwanga mna, namhlanje ndizakomkela ezo zenzo kuphela zenzelwe ukuthandisa mna.” *(Tabarani, Bazzar, Majma-uz-Zawaaid)*

58. **U-Anas** radhiallahu anhu uchaza ukuba inene uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Izinto ezitshabalalisayo zezi, Ukuvimba okuthotyelweyo, ukulandelwa kweenkanuko kunye nokuba umntu athabathe yena buqu ukuba ungentla kunabanye abantu.” *(Bazzar, Baihaqi, Targhib)*

59. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Oyena mntu uzakuba kwimeko embi kakhulu ngokwenqanaba kwixa elizayo ngulowo umosha ubomi bakhe bexesha elizayo khona ukuze azokuzuza izinto zelihlabathi zomnye umntu.” *(Baihaqi)*

60. **U-Umar Ibn al Khattab** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Eyona nto ndiyoyika kakhulu kule-Ummah nguloo mhanahanisi othetha kamnandi.” *(Baihaqi)*

61. **U-Abdullah Ibn Qais al Khuzai** radhiallahu anhu uchaza ukuba inene uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo wenza izinto ezintle injongo ikukuqhayisa nokufumana ukwaziwa; lo mntu uhlala ekwingqumbo ka-Allah ade abe urhoxile kulo njongo.” *(Tafsir Ibni Kathir)*

62. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo unxiba impahla yokufuna ukwaziwa kweli hlabathi; u-Allah uyakumnxibisa impahla yokuhlazeka kwaye itshiswe ngomlilo ngemini yomgwebo.” *(Ibn Majah)*

Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga me Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam hayi ngokumfanyekiswa.

Khuphela kwi ebook:
www.alhidayah.co.za/incwadi-malunga-nokunyaniseka/

Ipapashwe yi
AL HIDAYAH CENTRE
Eastern Cape

ISBN 978-0-7961-9195-3
9 780796 191953

DOWNLOAD EBOOK

041 492 2773
info@alhidayah.co.za
18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth
041 492 2773 https://wa.me/27414922773
www.alhidayah.co.za